

## UKHUSELEKO KWIIMPUPHUMA

### Yintoni ebangela iimpuphuma?

Iimpuphuma zibangelwa ziinkqwithela ezinzima okanye ziimvula ezina kakhulu. Iimpuphuma ziyingozi kuba amanzi achithakala emhlabeni angene ezindlwini nakwizakhiwo.

Iimpuphuma zamanzi olwandle zibangelwa ngumoya omkhulu oselwandle zenze amaza amakhulu angena emhlabeni abe maninzi kwiindawo ezisecaleni kolwandle.

Umfanekiso wempuphuma.



### Kufuneka wenze ntoni xa kukho iimpuphuma kufutshane?

- Yiya kwindawo ephakamileyo ube kude nophuphumo.
- Mamela imiyalelo yeenkonzo zikaxakeka xa kukho iimpuphuma.
- Mamela imiyalelo neenkukacha kunomathotholo wakho.

## Lumka

- Ungaze uzame ukuhamba, ukudada okanye ukudlala ngamanzi empuphuma.
- Sukuwela nazo naziphi na iibhulorho xa ziphuphuma.
- Lumkela iinyoka nezinye izilwanyana eziyingozi kumanzi eempuphuma.

### Yenza isicwangciso seemeko zikaxakeka

Iintsapho kufuneka zihlale kunye zizame ukuba neendlela zokuphuma xa kukho imililo okanye iimpuphuma kufutshane okanye kumakhaya azo. Khumbula ukwenza izigqibo ngendawo ekhuselekileyo yokuphuma xa kukho ingxaki. **Nkqaya iinombolo zikaxakeka.**



## EMERGENCY NUMBERS



10177



112

UKWAZISA BANZI NGOMLILO NEEMPUPHUMA

## HLALA UVUNDLILE SUKUVA KABUHLUNGU

**NdinguGerry**  
**iNdlulamthi** kwaye  
intamo yam ende  
indinceda ndikwazi  
ukubona ingozi  
ikude.



Sikufundisa ukuba ungahlala njani ukhuselekile. Kufuneka usoloko ukulumkele okukungqongileyo ukuze sikwazi ukuthintela imililo kwaye silungiselele iimpuphuma. **UBAMBISWANO NGAMANDLA.**



URhulumente  
weNtshona Koloni



## UKHUSELEKO KUMLILO

### Yintoni ebangela kubekho umlilo?



- Umfanekiso womlilo obonakalayo
  - ▶ Ukugilwa kwekhandlela ekhaya.
  - ▶ Iindawo ezibasiweyo nezitovu zeparafini ezingabekwanga sweni ngabantu abadala.
- Imililo iqala lula kwaye yanda ngokukhawuleza ehlotyeni kuba kushushu, komile kwaye kukho umoya.

### Kufuneka Wenze ntoni ukuba Uyatsha?



### Kutheni le nto kufuneka wenze oku?

Kuba umlilo uphila nge-oksijini. Ukuba uthothisa umlilo awuzi kunwena.

### Ungenza ntoni xa indlu yakho isitsha?



Umfanekiso womntwana okhasayo ebaleka umlilo. Yiwa ngezandla zakho namadolo ukhasele kwifestile okanye kumnyango okufutshane. Fowunela inombolo kaxakeka xa ukhuselekile.

### Kutheni le nto kufuneka wenze oku?

Kuza kubakho umlilo omncinci emgangathweni njengoko umsi ukhula nokuphefumla emsini kuza kubangela ukukhohlela.

### Okubalulekileyo

- Yekela umntu omdala ajongane neparafini.
- Gcina ibhakethi lesanti lilungile ukuzama ukucima imililo emincinci phambi kokuba inwenwe.
- Ukuba utshile, thothisa ukutsha ngamanzi abandayo.
- Ukuba akukho ndlela yokuphuma - bonisa uphawu efestileni ngetawuli okanye ngeshiti ubize isicima-mlilo.

### Hlala ukhuselekile

- Ungaze uzame ukubuyela kwindlu etshayo uyolanda isilwanyana sakho okanye nantoni na.
- Sukudlala ngomatshisi okanye ngomlilo. Zingenza kubekho umlilo kwaye abantu bangonzakala.
- Sukudlala ngeentambo zombane.

### EMERGENCY NUMBERS



10177



112